Isalathiso: 20191015-469
Inombolo yefayili: 13/1/1/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0017/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukupheliswa kwenkqubo yeThuba lokuHlalela uViwo lweXesha elingaPhezu koNyaka (*Multiple Examination Opportunity*) (*MEO*)) ukususela ngo-2020

1. Ngo-2015, iBhunga laBaphathiswa beMfundo (*CEM*) lakuvuma ukufakelwa kwezilungiso kumgaqo-nkqubo owawuvumela abafundi abadluliselwa kwelinye ibakala ababengakwazi ukumelana nekharityhulam yeBakala 12 ukuba bakhethe inkqubo yeThuba lokuHlalela uViwo lweXesha elingaPhezu koNyaka (*MEO*).

2. Oku kwakuthetha ukuba abafundi abadluliselwe kwiBakala 12 banokubhala izifundo zabo kwinkqubo yeemviwo ezihlalelwa amatyeli amabini, oko kukuthi, ezeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zango-Oktobha/zangoNovemba neemviwo eziya kulandela zangoMeyi/zangoJuni.

3. I-*CEM* ngoku ikuvumile **ukupheliswa** komgaqo-nkqubo wenkqubo i-*MEO* ukususela ngo-2020.

4. Oku kuthetha ukuba umgaqo-nkqubo we-*MEO* uya kuphunyezwa okokugqibela kuviwo lwango-2019 lwe-*NSC* ngo-Oktobha/ngoNovemba.

5. Abaviwa ababekhethe inkqubo ye-*MEO* kuviwo lwe-*NSC* lwango-2019 ngo-Oktobha/Novemba baya kubhala izifundo zabo ezishiyekileyo kuviwo lwangoMeyi/lwangoJuni 2020.

6. Abaviwa ababhalisela ukubhala uviwo lwe-*NSC* lwango-2020 ngo-Oktobha/ngoNovemba abasayi kuvunyelwa ukuba bakhethe inkqubo ye-*MEO*.

7. Kucelwa wazise le ngcaciso bonke abafundi beBakala 10–12, ootitshala nabazali ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-11-13